



IsiXhosa



Umdlalo osileyo kaTitilope



PRAESA



Izandla Ezincinci



Izandla Ezincinci



Le ncwadi yeka



IStories Across Africa (StAAF) yayiyiprojekthi engundoqo ye-AU African Academy of Languages (ACALAN), elungelelaniswe ngabeProject for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA).

IStAAF ibulela inkxaso-mali eyifumana kwiFord Foundation neSebe lezeMfundo lase-Austria.

Yaqala ukupapashwa ngabakwaNew Afrika Books ngowama-2007

© PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700, Cape Town, South Africa

Onke amalungelo agoqiwe. Akukho nxalenye yolu papasho inokuphinda ishicilelwe, igcinwe koovimba okanye isasazwe ngalo naluphi na uhlobo okanye ngayo nayiphi na indlela ngaphandle kwemvume ebhaliweyo evela kwabakwaPRAESA.

ISBN: 978-1-86928-647-7

Uyilo nolungelelwaniso: Magenta Media

Abahleli: Xolisa Guzula noNtombizanele Nkence



UNaIbali liphulo lesizwe lokufundela ukuzonwabisa elijoliswe ekuvuseleleni umdla ebantwaneni ngokubabaliseka amabali kunye nokubafundela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ndwendwela u-www.naibali.org okanye u-www.naibali.mobi

Umdlalo osileyo kaTitilope

Ibali: Sunday Okoh
EyesiXhosa: Xolisa Guzula
Imifanekiso: Félix Seminega





UTitilope wayekuthanda
ukudlala ngoonomeva.

Wayethanda ukubophelela
umsonto kwezo zinqe zabo
zincinci ze abayeke babhabhe!



“Musa ukudlala ngoonomeva.
Baza kukuhlaba ngolwamvila,”
umama wakhe wayesoloko
emlunkisa.

Kodwa uTitilope wayengamameli.



“Mama, ndiyagula,” uTitilope watsho ngenye imini.

Wayefuna ukuhlala ekhaya ukuze adlale ngoonomeva.

Wathi nje ukuba aphume umama wakhe endlwini, uTitilope wachwechwa wavuka ebhedini waphuma phandle.

UTitilope
wabona
oonomeva
ababini
endlwaneni
yabo.



Wasondelela
kufutshane ...

Phrrrrrrrr! Oonomeva
babhabha beza ngqo kuTitilope.
Baqalisa ukumhlaba uTitilope
kuyo yonke
indawo
emzimbeni
wakhe.

“Yho-o-o!
Yho-o-o!
Ndincedeni!”
wakhala uTitilope.
Akuzange kubekho
mntu umvayo.



Ubuso bosizana
olunguTitilope
babugcwele izigxala.



“Andisoze ndiphinde ndidlale
ngoonomeva kwakhona,”
watsho uTitilope.

